


NGUBANI UYESU?

 Nje ngam, oko besinako, kangako, okusoloko kusenzeka umnyhadala wokukrala kwangaphakathi kwesisu, ngaso esi sihle isidlo sakusasa esibe sinaso; ngokwesiqhelo yintwanana yeqebengwana kunye nejeli kulo. BendisePhoenix, ngomnye umhla, kwaye bandinika ipancakes ezingenayo. . . sizibiza zona, ngasezantsi eMzantsi, “flapjacks,” kwaye bezingenayo kwaphela inyhobhanyobha kuzo, kwaye ke kuye kwafuneka ndi—ndi—ndifake iswekile kweyam. Zona nje bezi. . . Kwaye ngoku, apha, besinexesha elimnandi! Kwaye hayi kuphela okuya, okuya ngokwasendalweni, sinenye ngokwasemoyeni.

² Ndivuya kakhulu ukuva obu bungqina balo mzalwana mncinci. Ndabizelwa ecaleni komandlalo wakhe ngenye intsasa; bandixelela okuthile kwenzekile. Ndiyacinga wayengomnye kwabokuqala ukuzama ukuxhasa ngezimali lo mhlango. Ngokuqinisekileyo yayinguSathana wazama ukwenza okuya kula ndoda kaThixo. Kodwa niyabona indlela enza ngayo uThixo, Uyayijike ibe bubungqina obubalaseleyo, ukubonisa amandla Akhe. Uyakwenza yonke into isebenzele okulungileyo, kwabo baMthandayo. Sinombulelo kakhulu ukuva obuya bungqina, mzalwana.

³ Kwaye ibe yinyweba ngenene kum ukuba lapha kwesi sixeko, kunye nani bantu. Injalo, kutheni, nje andikwazi kuyivakalisa, indlela endiziva ngayo malunga naso. Ngoku asikhange sibe nazo izihlwele eziqukuqelayo ngokungaphezulu, nezinto, njengoko ngamanye amaxesha sisenza; kodwa ibonakala ngathi uThixo ulungiselela ukwenza into ethile, okanye ilungiselela okuthile, nje ukwenza abantu balungele okuthile, ukwenza abantu babuyele emgceni apho bafanele ukuba khona, kunye nokuhlangana naba balungileyo abelusi, nanjalo njalo.

⁴ Kwaye, emva koko, inyhweba yam yokuza apha ngale ntsasa ukuza kuthetha endaweni yaMadoda Angoosomashishini beFull Gospel. Ndiyaqonda ukuba isahluko apha sisesebuntsaneni baso. Sisesincinci kakhulu, kwaye umzalwana apha etshilo ukuba badinga indoda.

⁵ Kuhle, nje emininzi emihle imibutho nje—njengoko ndiyimele kwihlabathi jikelele, yazo zonke iVangeli engcwele, ezininzi zamaBhaptizi nezinye ezahlukeneyo, kutheni, ndise ngoweqela elinye, kwaye elo nga—ngaMadoda Angoosomashishini, ngokuba alimelanga mbutho uthile. Kulo, ye—yengaphesheya kubuvangeli. Ngokulula nje alimelanga nto kuphela nje engcwele iVangeli, kwaye ke siyavuya ngoko.

⁶ Kwaye ndiyacinga okokuba, wena ndoda esixekweni apha, othe. . . Ngenene, ukuba uyandikholelwa ukuba ndikuxelela

into enyanisileyo, eli lixesha apho laa Vangeli ingcwele yamadoda angoosomashishini enokuhlanganela ubudlelwana. Niyakufunda izinto omnye komnye, kwixesha elinjalo ngentsasa yangoMgqibelo, ukutsho.

⁷ Umongameli we...umongameli wezizwe, uMzalwana uShakarian, ndaqhelaniswa naye kwiminyaka emininzi eyagqithayo. Abaninzi benu bayazi malunga nako, ngencwadi yocingo ilele edesikeni, phezulu kakhulu; kwaye ndichola phaya, ndafumana umfazi ogama linguShakarian, esifa ngumhlaza. Kwaye ngandlela ithile iNkosi yandikhokelela ngaphaya, kwaye phaya kulapho ndafumana ukuqhelana nabakwaShakarian, xa waphiliswayo. Apho kulapho uGqirha Theodore Palouveas wabhaptizwayo khona phaya, xa, yena ekubeni engugqirha wabo, ugqirha womGrike.

⁸ Wathi, “Eyona mbono, ubakhela abantu phantsi koqulunqo lobuxoki.” Wathi, “Laa mfazi ulele phaya esifa!”

⁹ Kuqala, xa ndaya endlini, wathi, “Ngoku xa ungena,” wathi, “zola, thula,” wathi, “ngokuba umfazi uyafa. Ube ephezulu apha, kwaye omabini amabele ayesusiwe, kwaye udumbile.” Waze wathi, “Ufanelwe kukufa.” Wathi, “Akukho nto unokuyenza malunga nayo.” Kwaye ndaphulaphula kule mfundiso yakhe ithutyana. Wathi, “Ngoku yithi cwaka ngenene. Sukuthandaza ngokukhwaza okanye nantoni.” Wathi, “Yitsho umthandazwana wakho omncinci uze ubuye uhle.”

Ndathi, “Ewe, mhlekazi.”

¹⁰ Ke ndaqhubeka. Ndandisazi ndandingazukuphulaphula kokuya, uyazi. Ndaza ndathi thina...Ndaya kumgangatho ongentla. Kwaye kwakukho, ndiyakholwa ndathabatha... Ndayifumana ngoku. Ndaya kumgangatho ongentla. Kwaye uFlorence, ngoko, eliselitsha, elihle, inenekazi eliselitsha, kunye noRose nabo bonke, bathandaza bonke; kwaye unina elele phaya engekho zingqondweni, engekho zingqondweni ithuba leentsuku, edumbe wonke.

¹¹ Kwaze ke ndaguqa phantsi ukuze ndithandaze. Kwaye xa ndakwenzayo, nako kusiza iNgelosi yeNkosi, yeza ezantsi emandlalweni, yathi, “Kwiintsuku ezintathu uyakube ephakamile.”

¹² Ke ndaguquka nje ndaqalisa ukuphuma, baza bandilandela. Ndathi, “Kwi...IseGameni leNkosi, uyakuphakama.” Kwaye ke baqalisa ukukhwaza.

¹³ Naku kusiza uGqirha Palouveas, kwaye wayezakundikhupha endlini. Kwaye yena nje...Ndathi... Wathi, “Eyona mbono!” Ndaza ndathi...“Kuhle, wakhela abo bantu phantsi kwethemba lobuxoki! Umfazi uyafa.”

14 Ndathi, “Ngokwalo lonke ubalo-manani lwakho, injalo. Kodwa ngokweLizwi leNkosi, hayi.” Yabona? Ndathi, “Uzakuphila.”

15 “Ubuvuvu,” wathi, “kufanele uyishiye le ndawo, mka apha.”

16 Kwaye uMzalwana uShakarian wasondela, wathi, “Linda nje umzuzu.” Yabona? Wathi, “Sibe sinawe ezantsi apha kananjalo, nawe, njengogqirha wethu, kwaye siyakubulela.” Wathi, “Kodwa kananjalo simbizile uMzalwana uBranham. Amathemba akho, akusiniki nto. Uyasinika, yabona.”

17 Ndaza ndathi, “Ndikuxelele intoni endiyakuyenza. Ukuba akaphakamanga waza waphuma kwakhona, ngeentsuku ezintathu, ndiyakubeka uphawu kumqolo wam, ‘umprofeti wobuxoki,’ kwaye siyakuya kanye apha eLos Angeles, kwaye uyakungena enqweleni yakho, sihle ngesitrato, ubethe uhadi, walathe kum, yabona. Kwaye ngoko ukuba uphakamile, mandibeke uphawu kumqolo wakho, ‘ugqirha womgunyathi,’ ndize ndingene enqweleni yakho ndikhalise, yabona.” [IBandla liyahleka—Mhl.] Ebengayi kuyenza. Emva koko, wabhaptizwa kumngxunya wokunkcenkceshela, kwaye wayekhonzela iNkosi. Kusukela ngoko, wathatyathelwa eKhaya eLuzukweni.

18 Kwaye ke ndaqhelana nabakwaShakarian. Kamva ndandiyinxalenye yokubanceda ekuyileni isahluko sabo sokuqala. Kwaye kwisizwe sonke, kwihlabathi lonke, ndabanceda kwizahluko zabo. Baliqela elilunge kakhulu labantu.

19 Ndinga ukuba nina—nina niphosa okuthile ngokungabi nabudlelwane benu obomeleziweyo apha, ngokuba bubudlelwana. “Kufanele sihlngane kunye,” iBhayibhile isixelela oko, “njengoko sibona isiphelo sisondele; singakuhlizeli ukhlangana.” Ayi—ayisayi kwenza oko kuphela, iyakunomeleza. Kwaye, nina, amandla enu ayakomeleza ibandla. Kwaye kuko konke... Amadoda Angoosomashishini beFull Gospel ayingombutho wokubekela ecaleni, uze uthi, “Eli liqela lethu.” Ngowamakholwa onke, ukuba ahlngane. Kwaye yintlanganisela nje yebandla, yabona, ibandla ngokwalo, amakholwa angokomoya. Kwaye ndicinga iye—iyenkulu into ukuba nina—ukuba nina niyakuyenza. Iluhlobo oluncinci, mhlawumbi ayenzi... .

20 Ndiyakholwa ayivakali njengehlambela inkolo. Kodwa umntu othile wathi kum kungekudala, kumhlangano, wathi, indoda yathi, “Yitsho, ungumshumayeli.”

21 Ndathi, “Kuhle, ngahlobo luthile ndiqikelela ukuba konke kulungile.” Ngahlobo luthile ndi—ndiyoyika ngoko ndikutshoyo ngabashumayeli, kubantu beFull Gospel.

22 Niyazi, owam—owam utata waye eyi—eyi—eyinkweli. Ubeqala amahashe. Xa ndandiseyinkwenkwe encinci, ndacinga, uyazi, ndiyakuba yinkweli, nam. Niyazi indlela amakhwenkwe

amancinci afuna ngayo ukuba njengotata bawo, kwaye ndandizakuba yinkweli kananjalo. Ke bendiyakufumana utata emva kwindawo, niyazi, xa kulinywa, ndize ndithathe ihashe lam elidala lokulima ndilise ezantsi kumsele wokunkcenkeshela, niyazi, yombiwe kwisiqobo.

²³ Bangaphi abakhe bakubona okuya, endala . . . Kuhle, yeyiphi indawo yeKentucky enisuka kuyo? Oh! Bangaphi abakhe balala kwingca erhawuzelayo? Kuhle, ndingasuke ndisele ndikhulula ibhatyi yam neqhina lam, ndisekhaya ngenene apha. Kulungile, leyo yi—leyo yi—leyo yindawo yam.

²⁴ Ke ndandiqhele ukuya ezantsi phaya. Kwaye utata wayenesali, niyazi. Ndize ke ndimbone emva kude ngasemva kwendawo, kwaye bendiya ndithatha ihashe lam elidala lokulima. Ndize ndifumane bonke abantwawkwethu, ndibahlalise kufuphi necingo, niyazi, kwaye ndandingomdala kwisithoba. Ndiye ndiyokuthatha isandla esigcweleyo se khakakhaka ndilibeke phantsi kwesali, nditsale isiqinisi-sali, dikhwele kulo. Bethu! Usizana lomfo omdala lidinwe kakhulu lingakwazi nokuphakamisa iinyawo zalo emhlabeni, beliyakukhala nje lize liqhubeke, ikhakakhaka ilihlaba, niyazi, kwaye nditsalela la isiqinisi-sali ezantsi kulo. Ke bendiyakothula umnqwazi wam, kwaye nje ndandi . . . ndandili cowboy lenene. Ndandifunde olindixesha abaninzi, yiyo yonke. Ke ndenza abantwawkwethu bakholelwe ukuthi ndandili cowboy lenene, niyabona, ke ndacinga ndandililo.

²⁵ Xa ndafikelela kwishumi elinesibhozo, ndanyebeleza ndemka ekhaya ndaya e-Arizona. “Babendifunela ukuqala amahashe abo. Ndiqinisekile ngoko. Nje babe . . . Babendifuna, ke mandilishiye ikhaya.” Ndingaphantsi kweminyaka, kodwa ndanyebelezelela, kwaza kwenzeka ndifike ePhoenix kwangexesha lomnyadala wenkomo, niyazi. Ke ndaya ngasemva phaya ukuya kujonga umhlambi wabo, ndibone leliphi endiyakulikhwela. Elo abanye abangenakho ukulikhwela, ndandizakulikhwela, niyazi, ndinesali esilivera.

²⁶ Ndandingumfo obhityileyo omncinci, ndasoloko ndimncinci kakhulu, ndaza ndacinga ndizakuzifumanela imilenze yebhulukhwe yokukhwela amahashe. Ndiyazi utata wam wayenxiba zona. Kwaye wayengenayo nenye ngela xesha, kwaye ke ndazifumanela . . . Ndabona imilenze emihle, niyazi, ino A-r-i-z-o-n-a emazantsi, intloko yenkomo nezinto kuyo. Ndacinga, “Owu, bethu, okuya kuzakukhangeleka kukuhle kum,” niyazi, elinjani ityendyana. Ndazitsala ndazifaka kum, zazimalunga nee-intshi ezisibhozo kuzo zirhuqa phantsi. Kwaye ndakhangeleka njengenye yezonkukhu zincinane, niyazi, kunye nobo boya. Ndacinga, “Okoko akusokuze kusebenze,” ke ndemka nje ndaya kuzifumanela ipere yeLevis.

27 Ndaza ndacinga, “Ndiyakwenza imali.” Ke ndahamba ndaya kujonga konke ndisehlisa ndinyusa kulaa mhlambi ume phaya, undlongo ndlongo kangangokuba wawungasayi kutya nengca, kunye nayo esitalini. Ndacinga, “Owu, bethu!”

28 Ke ityeli lokuqala bakhupha, kwenzeka ibe... Engaqhelekanga, ukuthi ngale ntsasa, zange ndacinga ngayo de kube ngoku; kodwa ihashe lokuqala kwakufanele likhwelwe ngalaa mva-kwemini, kukhuphiswano, lalibizwa u “Kansas Outlaw,” kwaye lalisuka eKansas, elikhulu lizizandla ezilishumi elinesixhenxe ubude oweqe umthetho lalinjalo. Kwaye lenkweli idumileyo phaya kwakufanele ilikhwele.

29 Ke ndaya kuhlala kwindawo evalelekileyo yocingo, njengezinye iinkweli, uyazi, ndaza ndahlala phezulu phaya. Babeya kutyhalela lo mnqwazi ngasemva. Ndacinga, “ndikhangeleka njengenkweni yenene,” ndijonga phezulu.

30 Ke lo mfo waphuma, ehonjisiwe konke. Yena—yena, xa waphumayo esangweni elityhalekayo, kweli hashe, wenza yamibini okanye emithathu imibhijo—bhijo kunye nokubhinyalaza, yaza inkwenkwe... Ihashe laya ngenye indlela, yaza indoda ngenye. Ababambi balibamba ihashe. Yaza inqwelo yezigulane yathatha inkweli, igazi liphuma ngeendlebe zayo. Labe ihashe lisihla khona phaya, baza ababambi balibamba.

31 Lo mbizi weza wathi, “Ndiyakunika nayiphi indoda iwaka leedola eya kuhlala kulo imizuzwana elishumi.” Wahamba wehla phaya, weza esihla phaya, wathi, wajonga ngqo kum, wathi, “Ingaba uyinkweli?”

32 Ndaza ndathi, “Hayi, mhlekazi.” Ndaguqula ingqondo yam, ngokukhawuleza kakhulu. Ndandingeyonkweli.

33 Xa ndaqalisa ukuthanjiswa, iMissionary Baptist Church, bendiyakufaka iBhayibhile yam phantsi kwekhwapha, niyazi, *ngolwa* hlobo, kwaye ndine—ndinezigunyaziso zam. Nda—ndandingumkhuseli walo uKholo, kuko konke okwakulapho. Ndacinga ukuba ndingumshumayeli.

34 Ngenye imini ndandingaphaya apha eSt. Louis, xa lo mncinci intombi kaDaugherty yaphiliswayo, ndaza ndacinga ukuba ndandingumlungiseleli. Ndehla ndaza ndadibana nabakwaMoya. Kwaye lo Robert Daugherty, abanye benu bangamazi. Ndaza ndamva eshumayela. Kwaye laa ndoda yashumayela de kungqubane amadolo ibe luhlaza ebusweni, iyokuthi folokohlo phantsi iphinde ibuye kwakhona, ifumana ukuphefumla, ubungayiva kwiibhloko ezimbini kude, isashumayela.

35 Mna, ezindala iindlela zam zaseBhaptizi andicingi nje ngayo ngokukhawuleza. Wonke ubani wathi kum, ukusukela ngoko, “Ingaba ungumshumayeli?” Ndithi, “Hayi, mhlekazi.” Ngahlolo luthile kwafuneka ndiqaphele oko.

Umfo wathi kum, phezulu ePhiladelphia . . .

³⁶ Phaya kulapho umhlangano olandelayo kufanelwe ubanjelwe khona, kunye nabendawo zonke. Ndifanele ndithethe ngo wama-29, ndivule umhlangano ngo wama-29, ukwenzela uGqirha Brown kunye—kunye nabanzi babo bazalwana nabo. Okuya kuse Philadelphia, kuqala ngo wama-29 ale nyanga. Kuyinyhweba kum ukuvula umhlangano, ke, ndibe neqela lezidlo zakusasa nabo.

³⁷ Omnye umfo wathi, “Yintoni uphakathi kwelaa gquba lamadoda angosomashishini? Ufanele ube ngumshumayeli.”

Ndathi, “Kulungile, ndi—ndingusomashishini.”

Wathi, “Kuhle, yintoni—yintoni ishishini okulo?”

³⁸ Ndaze ndathi, “Ishishini lesiqinisekiso.” Ndayitsho ngokukhawulezisa ukuze angayifumani, niyabona. Zange akufumane endandikutsho. Zange ndithi “insurance,” ndathi “assurance.”

³⁹ Wathi, “Kuhle, ndi—ndiyavuya u—ukwazi oko.” Wathi, “Yintoni, liphi ikomkhulu lalenkampani?” Yathi, “Hlobo luni le inshurensi eliyiyo?”

Ndathi, “UBomi obunguNaphakade.”

Yathi, “Zange ndive ngayo. Liphi ikomkhulu?”

Ndathi, “Eluzukweni.”

⁴⁰ Ke nawuphi kuni bafo onomdla, ndingathanda ukuthetha nge polisi kuni emva komhlangano uphelile.

⁴¹ Kwaye ndiyakhumbula, kwixesha elidlulileyo, kwi inshurensi. Ndiyathemba akukho ndoda ye inshurensi apha. Umntakwethu ngumthengisi we inshurensi, kangangokuba, yeyoBulumko. Ke ndaxelelwa ndinesivumelwano esincinci esingenaxabiso kwi inshurensi ngaxesha lithile. Kwaye zange basifundele ipolicy ngendlela nje elungileyo, kwaye utata wasebenza ishumi leminyaka ngamashumi amabini eminyaka, ukuhlawulwa komnikelo, sacinga. Xa yayilungile ukuba ibhatale, yalixabiso leedola ezisixhenxe neesenti ezingamashumi amahlanu, kwaye sasicinga yayinexabiso lamakhulu eedola. Kodwa, kwaye a—andazi. Ilungile, i-inshurensi ilungile, ngoku; hayi ukusingela phantsi okuya. Ilunge ngokupheleleyo.

⁴² Ke ndandinesihlobo se inshurensi, okanye othengisa i-inshurensi, gxebe, umfo endandisiya naye esikolweni; umntakwabo, ubhala kwi *The Upper Room*, ngumlungiseleli womBhaptizi olunge kakhulu. Ke uWilmer wenyuka weza kuthetha nam, ngenye imini, wathi, “Billy, ndize kuthetha nawe malunga ne inshurensi ethile.”

⁴³ Ndathi, “Kuhle, Wilmer,” ndathi, “ndizakuxelela, besisoloko singabahlobo abalungileyo,” Ndathi, “kunye nento yonke.”

Ndathi, “Ukuba ufuna ukuthetha malunga nemo yezulu, okanye—okanye malunga nento ethile engenye, kulungile, kodwa malunga nokuloba okanye into ethile. Ndiyavuma ukuthetha malunga noko. Kodwa . . .”

Ngoku wathi, “Kulungile,” wathi, “uyayidinga ngenene i-inshurensi.”

Ndaza ndathi, “Ndinesiqinisekiso.”

44 Waza wathi, “Owu uxol- . . .Ngoko ndiyaqikelela uJesse,” lowo ngumtakwethu, “sele ekuthengisele ipolicy?”

45 Ndathi, “Hayi.” Waza umfazi wam wandijonga ngathi ndandingumhanahanisi, yabona, kuba wayesazi ukuba andina inshurensi. Ke wandijonga. Ndaza ndathi, “Ehe,” ndathi, “ndine assurance.”

46 Wathi, “Yintoni?” Ndaza ndathi:

Siqinisekiso esisikelelweyo, uYesu ngowam!
Owu, ncasa esisandulela sozuko oluNgcwele!
Ndiyindlalifa yosindiso, othengwe nguThixo,
Ozelwe ngoMoya Wakhe, wahlanjwa eGazini
Lakhe.

47 Wathi, “Billy, oko kulunge kakhulu, kodwa oko akusayi kukufaka phezulu phaya emangwabeni.”

48 Ndathi, “Kodwa iyakundikhupha. Andi—andizikhathazi malunga nokungena; ndizikhathaza malunga nokuphuma.”

49 Madoda angosomashishini, ndiseseshishinini. Ukuba ufuna ukuthetha okuthile koku kunye nam, ndiyakukuvuyela ukwenza oko kunye nawe.

50 Kodwa yinto enkulu ukuba nobudlelwana. Ndiyakholwa yayibhaliwe eSibhalweni, “Imnandi kanjani kwaye intle ukuba abazalwana bahlala kunye kumanyano. Inje nge oli yentambiso eyayisezindeveni zika Aroni, eyayisihlela emqokumbelweni wengubo yeengubo zakhe.” Kukho okuthile malunga nobudlelwana!

51 UThixo yedwa, ekuqalekeni, WayenguThixo kuphela . . . Wayengenguye naThixo, ekuqalekeni. Ingaba benikwazi oko? Wayengenako. *UThixo* “sisiqo sokunqulwa,” igama lesiNgesi. Yabona? Njengoko wayengu Elohim, Lowo uziphilelayo; Wayengenguye naThixo. Kodwa kuYe yayizizibonakaliso, njengengcinga yakho. Yabona? Inginga yakho, kufanele ndibone into ethile, kuze emva koko . . . Ndingcinga ngayo, ndize emva koko ndithethe. Kwaye ilizwi yingcinga ivakalisiwe. Ke, “Ekuqalekeni wayekhona uLizwi, kwaye uLizwi ekuye uThixo, kwaye iLizwi lavakalisiwa,” yabona, laziswa.

52 Kwaye ngoku zonke yinto ekwanye. Ekwanye njengoko sinjalo, sizalwe ngokutsha, sinoBomi obunguNaphakade. Ukuba sinoBomi obunguNaphakade, kukho kuphela olunye

uhlobo loBomi obunguNaphakade, obo nguThixo. Kwaye sizizibonakaliso Zakhe. Ngoku ndingathetha phakathi kwamaKristu ngale ndlela. Sizizibonakaliso. Kwaye uYesu weza njengoMhlanguli. Bangaphi abakukholelwayo oko? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ukuhlangula, asikokudala into entsha. Ukuhlangula kukubuyisela emva oko bekusele kunjalo. Yabona? Ke yintoni eniyoyikayo? Yabona? Kuko konke—kuko konke kusezandleni Zakhe, usiba lewotshi alubethi ngokungalinganga. Yonke into kufanele ibe ngale ndlela, kwaye isizisa kule ndawo. Ngoku . . .

⁵³ Kwaye ndiyathemba kwaye ndithembele ngokuqinisekileyo okokuba ngamnye kuni madoda apha ngale ntsasa, angangomalungu obu budlelwana buhle, okokuba niyakuyithetha apha nale ndoda ilungileyo; kufanele nje ndixhawule isandla sayo, u—umongameli wesi sahluko. Kwaye anomeleze! Wathi uDavide wazomeleza ukuchasa utshaba lwakhe. Kwaye wena ndoda, wena—wena—wena ufuna ukwenza yonke into onokuyenza ukuzomeleza ukuchasa utshaba. Silapha njengabazalwana bengcwele iVangeli, yabona. SiyaYikholwa. Masiye emsebenzini, siphume kwaye sifumane abanye baba bazalwana size sibazise ngaphakathi, nokuba yiVangeli engcwele okanye hayi, kwaye sibazise kweyethu—yethu imihlangano. Size sithandaze kwaye senze eyethu indima ukomeleza uMzimba kaKristu, kwaye, koko, siyazomeleza. UThixo abe nani, anincede. Nangaliphi ixesha ndingaba ligwiba kuni, mandaziswe. Ngoku thina, phambi kokuba sisondele eLizwini . . .

⁵⁴ Andifuni kunigcina apha ithuba elide. Ndi—ndi nje i . . . Njengoko nditshilo ngethuba elidlulileyo, "Ndinokucotha, niyazi, kwaye ndifanela ngahlobo luthile ndicinge ngayo ngokucotha." Kwaye—kwaye ingqondo yam ayilunganga ncam, into yokuqala, ke ndifanela ngahlobo luthile ndithathe ixesha lam; kwaye andazi ngaphezulu kunoko nje Andixelela kona ukuba ndikutsho, kwaye kundifaka engxakini ngamanye amaxa, kundikhuphe kuyo ngamanye amaxa, ke nditsho oko Akutshoyo. Kodwa phambi kokuba sisondele eLizwini, masisondele kuMbhali.

⁵⁵ Ngaxesha lithile elidlulileyo, ndandikhwele nodumileyo uGqirha wobuNgcwele, abaninzi benu bangamazi, William Booth-Clibborn, kwaye ushumayela iVangeli ngeelwimi ezisixhenxe. Kwaye sasithetha malunga noThixo nezibonakaliso Zakhe. Kwaye ndandithetha malunga nayo, ndathi, "Inje ngedayimane, uThixo unjalo." Yabona? Ndaza ndathi, "Ngoko ezi zibabalo othetha ngazo," ndathi, "zi—ziyimbonakaliso nje yothando lukaThixo." Ndaza ndathi, "Njengase Afrika, si . . ."

⁵⁶ Umongameli womgodini, eKimberley, wayengomnye wabalungiseleli bam emgceni. Wandithatha wandisa kumgodini wedayimani e—eKimberley. Kutheni, ungazifumana zilele

esitratweni, kodwa akungekhe ugcine nenye ngaphandle kokuba isikiwe. Ifanelwe isikwe edikeni. Ke ngoko enkulu kakhulu idayimane, ayinamlilo kuyo xa uyifumana. Hayi, ifanelwe isikelwe oko.

⁵⁷ Kwaye lowo yayinguThixo, kwaye Wafanelwe angxwelerhwe ngenxa yezigqitho zethu, akhandaniswe ngenxa yezikreko zethu. UyiDayimane enkulu. Kwaye ngoko xa usika idayimane, (ingaba wakhe waqaphela?) uyisika ngobume obungamacala amathathu, kwaye ilanga ngokungqamene nokuya liyakubonakalisa imibala esixhenxe. Yabona? Kwaye ujongile, ubomvu ngobomvu, ikhangeleka mhlophe. Ingaba benikwazi oko? Injalo. Ubomvu ngobomvu, elo liGazi, iGazi elibomvu ejonge ku . . . uThixo lijonge kumoni obumvu, ngeGazi elibomvu, limjika abemhlophe. Usentliziweni, uyabona.

⁵⁸ Kwaye—kwaye ke ngoku, kokuya, ndathi, “uThixo waxoza, wasika, wakhandanisa, ukubonakalisa kulemitha, njengoko ibetha e—elikhulu iLizwi likaThixo, ibonakalisa akuko uThixo.”

⁵⁹ Kwaye lo Mnu. Clibborn wathi, “Kodwa akuyazi nje iBhayibhile yakho.”

⁶⁰ Ndathi, “Kungaba oko kuyinyaniso. Ndiyamazi uMbhali kakuhle ngenene. Ke oko—oko kokona kubalulekileyo, ukuba ndazi uMbhali.” Ukwazi Yena, nokuba wazi lonke iLizwi, okanye hayi; nje ukwazi Yena!

⁶¹ Ndiyakholwa yayinguHudson Taylor wathi kummishinari omncinci ngaxesha lithile. Wathi, “Mnu. Taylor, ndisandula ukufumana uMoya oyiNgcwele,” wathi, “ndingaya kufumana iSidanga sam soBugqi?” Wathi, “Sukuzama ukukhanyisa isikhanyiso xa ikhandlela libuphela. Masikhanye ngelixa livuthayo.” Injalo. Ngamanye amazwi, ukuba akwazi omawukuthethe, hamba uyokuchaza ukuba likhanyiswe njani. Oko kulunge ngokwaneleyo.

⁶² Kwaye nina Madoda Angoosomashishini be Full Gospel yenzani into ekwanye. Aku—akudingeki ukuba ulinde ube ngumlungiseleli; ngqinani nje oko sele Ekwenzile kuni. Yilonto enizele kuhlanguanela yona apha, kukungqina oko Anenzele kona. Oko kuyakukhazimlisa uKukhanya kwabanye bakhanyiselwe koko. Yiloo ndlela izibane kwitabanekile ezazintunyekwa ngayo, esinye ukusuka kwesinye; hayi ukukhanya okungaqhelekanga, ukukhanya okutsha; kodwa ukukhanya okunye. Kuthetha, nguThixo omnye yonke indlela ukuqhubeka, okukhazimlisayo ukuKhanya.

Masithethe kuloMbhali mkhulu ngoku njengoko siqubuda iintliko zethu.

⁶³ Bawo waseZulwini, ukuhlanguana ngoku kwezasemaZulwini iindawo: Oku, siyakuqonda, asisosakhiwo secawa; akukho ntandabuzo kuphela koko amaKiwana kunye nezininzi izintlu, iLions nayo yonke into, zihlangana apha. Kodwa ngale ntsasa

libandla ngokuba o—onozakuzaku boBukumkani bahlangene. Kwaye siziva, nangona, sikulungele, kobu bungqina namaculo, sise—ekuqondeni koBukho bomkhulu uKumkani. Siyazi ukuba Úlapha.

⁶⁴ Kwaye ngoku njengoko thina, njengabantwana, ekunikezeleni kuWe imibongo yemilebe yethu, owu, mhlawumbi ngokungekho selucwangweni, Nkosi, kodwa ngabantwana nje, Úyayiqonda. Akukhathaliseki kukangakanani singazama ukusebenzisa e—ezethu iindlela nobukrelekrele, ingangaphumi entliziyweni, yinto engumgunyathi ukwenziwa. Kodwa xa thina, ukusuka entliziyweni yethu, sinikezela kuWe izincomo ezikhoyo phakathi phaya ukwenzela Wena, ndiqinisekile iyakwamkeleka.

⁶⁵ Ngoku siyathandaza ukuba Úyakusibopha nje ngentambo kaMoya oyiNgcwele, uhlanganise iintliziyo zethu, kwaye uthethe kuthi ngeLizwi likaThixo.

⁶⁶ Sikelela esi sahluko sincinci, Nkosi, sinike amandla. “Mna iNkosi ndihlwayele, Ndiyakuyinkcenkeshela imini nobusuku, hleze othile ayinyothule esandleni saM.” Ndiyathandaza, Nkosi, njengesicaka Sakho, basikelele. Bomeleze, Nkosi, ukwenzela uBukumkani.

⁶⁷ Sikelela lonke ibandla elimelweyo apha ngale ntsasa, naye wonke umntu. Kwaye ukuba kukho othile apha ngale ntsasa othe—othe ngenene wabe akasindiswanga, ndi—ndiyathandaza, Thixo, okokuba lena iyakuba yiyure abayakuthi bafumanise okokuba abagqibelelanga ukuba bahlangane nokufa, okokuba bayakwamkela i—isipho soBomi obunguNaphakade ngoYesu Kristu uNyana Wakho. Kuba sikucela eGameni Lakhe. Amen.

⁶⁸ Ngoku, emihlanganweni, ndicinga ndishumayele kuni kalukhuni nayo yonke into, emihlanganweni, andifuni kuthatha, kushumayela intshumayelo. Kwaye ndicinga ngenene akulunganga ukuba no—nomhlangano ngaphandle kokufunda iLizwi, nokuthetha nje intwanana encinci eLizwini. Ke apha ndikhethe eLizwini apha, nje u—umdlalo weqonga omncinci, ibali elincinci. Abanye benu, ndilnikezile amabini okanye amathathu amatyeli, kodwa ndiyacinga liyakunyamezela kwakhona, ningandinyamezela nje ithutyana ngako oku.

⁶⁹ Ndiza—ndizakufunda ukusuka kwiNcwadi kaLuka oNgcwele, kwisahluko se-19, ukuqalisa kumqolo woku-1. Sesingaqhelekanga kakhulu isiqendu esincinci, ndicinge indawo enje ngalena yokuba naso. Kodwa noko lonke iLizwi liphefumlelwe, lilungelelene kwindawo Yalo, kwaye ndithemba okokuba uThixo uyakuthatha eli Lizwi aLilungelelanise kanye apho Lifuneka khona ngale ntsasa.

. . . UYesu wangena ecanda ngeYeriko.

. . . yabonani, kwakukho indoda egama linguZakeyu, eyayiyintloko kuba buthi berhafu, kwaye yayisisityebi.

Yayifuna ukubona uYesu ukuba ngu—ngubani; . . .

⁷⁰ Mandifunde oko kwakhona, ngokuba ndifuna ukugxininisa oku.

Yayifuna ukubona uYesu ukuba ngubani; kwaye yayingenako ngenxa yendimbane, okanye ngenxa yokuba yayimfutshane ngesithomo.

Yagidima ngaphambili, yakhwela kumthi womthombe ukuze imbone: ngokuba ebeza kudlula ngapho.

Uthe akufika kula ndawo uYesu, wakhangela phezulu, waza wayibona, wathi kuyo, Zakeyu, khawuleza, . . . wehle; kuba namhlanje ndimelwe kukuhlala endlini yakho.

⁷¹ Yanga iNkosi ingongeza iintsikelelo Zayo ekufundweni koKu, iLizwi Lakhe.

⁷² Le ndoda, simo esincinci, umboniso wethu uvuleka e—eYeriko. Ngoku, iYeriko yayisesona sixeko sisezantsi e—ePalestina, kwaye isentlanjeni. Kwaye—kwaye iYerusalem iphezulu e—entabeni, phezulu endulini.

⁷³ Kwaye ukuba uqwalasele, uYesu, xa Wezayo emhlabeni, Wanikwa, phakathi kwabantu, elona gama liphantsi elinokunikezwa. Ukuza Kwakhe, waye eNgu “Bhelezabhule,” elo lalilelona libi igama ababenokuMbiza ngalo, lowo, “umtyholi, umvumisi, umoya ongcolileyo.” Bawubiza umsebenzi Wakhe umoya ongcolileyo. Ibandla elingalungelanga, ukuhlangana naYe, baMnika elibi kakhulu igama, “Bhelezabhule.”

⁷⁴ Kwaye Weza, elona zalo luthobekileyo elalinokuzalwa, lonina wehlwempu, kungekho nandawo yokulala uku—ukubelekela olu sana. Kwaye ezokusongela iimpahla Zakhe, siyaxelelwa, zazisuka kwidyokhwe yenkunzi yenkomo, abamSongela kuyo, esitalini, kwisitali esinukayo, ngaphaya kumgquba wesitali. Kwaye isitali asiyiyo nandawo ilungileyo; umqolomba omncinci ecaleni lenduli.

⁷⁵ Kwaye Wayequbisana nabona baphantsi, abona bahluphekileyo abantu. Kwaye Wayeliwe ngabaphakamileyo bokuhlala. Wayeliwe ngabaNgaBakhe, ibandla ekwakufanele limazile Yena, kodwa alizange. Lalingaqeqeshwanga eLizwini, ukuze limazi Yena.

⁷⁶ Kwaye siyafumanisa kwakhona ukuba waya kwesona sisezantsi isixeko esasikho ePalestina, iYeriko. Ndilibele zingaphi iinyawo ngaphantsi komgangatho wolwandle esisiso, kude lee ezantsi. Wazithoba Yena ezantsi kakhulu yade eyona ndoda incinci yesixeko kwafanela ikhwele phezulu emthini ukumjongela ezantsi Yena.

⁷⁷ Kodwa yilonto ihlabathi layicingayo ngaYe. Lamnika okona kungqwabalala, kunzima ukufa ongathi nawuphi umntu akufe; Wafa njengesaphuli-mthetho. Okona kulihlazo

Awayenokufa, ukuhlutywa iimpahla Zakhe zisuke kuYe; kwaye, 'ngoba, uyabona kwimiqingqo, kunye nanjalo njalo, banelaphu liMjikele. "Kodwa Walidela ihlazo." Bamhluba iimpahla Zakhe ngokupheleleyo ukusuka kuYe, baMbethelela emnqamlezweni, kwihlazo. Okona kuphantsi, kunzima ukufa okunokunikezwa, bakunikeza kuYe. Kwaye koko ihlabathi lakucingayo ngaYe.

⁷⁸ Kodwa uThixo wacinga ngaYe de Wamnika iGama ngaphezu kwalo lonke igama elanikwayo eMazulwini okanye emhlabeni. WaMphakamisela phezu de, itrone yaKhe yaphezulu kakhulu, kufanele Ajonge ezantsi ukuze Abone iZulu. Yilonto uThixo Wayacingayo ngaYe. Ndiqinisekile ezo ziingcinga zethu ngale ntsasa, nathi. Lingaphezulu kwalo lonke igama, ngaphezu kwalo lonke igama elinokubizwa. Nkqu nalo lonke usapho eZulwini nasemhlabeni libizwe ngo "Yesu." Kwaye ngeli Gama, lonke—lonke idolo liyakugoba, kwaye lonke ulwimi luyakuvuma kuLo.

⁷⁹ UZakeyu nje waye e—engusomashishini kwisixeko saseYeriko. Kwaye ngaphandle kwentandabuzo e—elungileyo indoda kwindlela yakhe. Wa—waye, masithi, ndiyakholwa, ekubeni eyindoda elungileyo njengoko wayenjalo, kufanele wayengowecawa ethile, elinye lamahlelo aloo mhla. Masithi wayenguMfarisi.

⁸⁰ Kwaye yena, eneneni, wayengahambisani neembono zomfazi wakhe. Masithi igama lomfazi wakhe yayinguRebheka. Kwaye wayengahambisani neembono zakhe, ngokuba umfazi wayekholwa kuYesu. Wayemkholwa ukuba nje ukoko Wayekuko, uMesiya, ngokuba wayembonile Yena esenza umqondiso kaMesiya. Yena, ekubeni engumHebhere; amaHebhere afunana nomqondiso nabaprofeti, ngokuba oko kwakuza kuba ngumthunywa wabo. Eso sisizathu sokuba babengenako ukusilela ukumazi Yena, ngokuba Wayesiza, "uNyana womntu."

⁸¹ Funda zonke ezi zenzeko apha ngoZakeyu: "Kuba uNyana womntu uza ukufuna nokusindisa kona oko kwakulahlekile. Ungunyana ka Abraham."

⁸² Xa, baMtyholayo ngokuhamba naboni. Ke siyabona kwakufanele bakuqondile oko, kodwa abazange. Babenemfundo yabo yakwalizwi yo—yokuphila ngokulungileyo nokuba ngabalungileyo abantu, kunye nanjalo njalo, kodwa zange baqonde oko uMesiya wabo wayeza kuba kuko ngenene.

⁸³ Niyazi ukuba oko kungakho kwakhona? Oko kungenzeka ngenene, okokuba singakuqondi ngandlela ithile. Ngoku kukho ekuphela kwayo indlela yokuqiniseka, kukuthi, ufumane Awayekuko. Ngoko, iSibhalo sithi, "Ikwanguye." Fumana indlela Ayakuzibonakalisa ngaYo kwisiphelo sexesha. Kubhaliwe. Yabona, Akazange Wenza nto ngaphandle kokuyityhila kuqala. Watsho njalo eSibhalweni, "Akenzi nto, ngaphandle kokuyityhila kwabangabaKhe abakhonzi abaprofeti." Kwaye Uyityhilile Yona. Kwaye *Lona* ngumprofeti

Wakhe, *Lena* yiNcwadi yesiprofeto, Isisityhilelo esipheleleyo sikaYesu Kristu, yonke indlela. Akukho nto ifanele yangezwe, okanye incitshiswe kuYo. Kwaye sifanele siyiphengulule Yona size sibone ngowuphi umhla esiphila kuwo, ngoba singabhajiswa kumgibe omnye.

⁸⁴ Ke siyafumanisa ukuba ngeli xesha, ukuba lo Zakeyu, esincinci isimilo sethu ngale ntsasa, lo somashishini wase—waseYeriko, si...wayesenokuba ngowamaKiwane, ukuba kwakukho into enjalo, okanye into ethile yokuyizekelisa. Wa—wayesenokuba lilungu lezinye izilawuli phaya, ezazikho eYeriko. Akukho ntandabuzo, ephume izandla indoda yexesha layo—layo, kwaye wayengowebandla.

⁸⁵ Kodwa into embi esiyifumanayo, yokuba wayethathe icala nembono yaloo mihla, imbono edumileyo, kaYesu. Kwaye uYesu liLizwi; kwaye iLizwi, libonakalisiwe, nguYesu. Yabona? Kwaye wathatha i—icala lembono edumileyo yokuba waye Yena engenguye umprofeti, yokuba kuphela waye e—e—e... Andifuni kulitsho eli gama, njengoko besiyakulibiza namhlanje, umkhohlisi, nje into eyayizenzisa.

⁸⁶ Kodwa, niyabona, uSathana angalinganisa oko ngokugqibeleleyo kude kubenzima ukwazi yeyiphi elungileyo okanye engalunganga. UYesu wathi iyakuba ngalaa ndlela kwimihla yokugqibela, okukhulu ukulinganisa, njengo Yanes noYambres bamelana noMoses.

⁸⁷ Khumbulani, wona amadoda amabini ayenokwenza nayiphi into abathi uMoses kunye—kunye no Aroni babenokuyenza. Kodwa into ekuphela kwayo uMoses awayeyazi, kunye nengqinelweyo... Kuhle, zange eze, uYanes noYambres, ukuza kuhlangula amakhoboka. UMoses weza eGameni leNkosi, ukuza kuhlangula amakhoboka, yabona, ngokuba yayibhalwe njalo. Bamxelela u-Abraham, “Imbewu yakho iyakuphambukela iminyaka emakhulu mane, kodwa ndiyakuyinyusa ndiyizise.” Ke uMoses waye no ITSHO INKOSI. Kodwa babenokulinganisa naluphi uhlobo lwesipho ababenokuluvelisa. Bona besazi, zange bahoye kwanto kubalinganisi babo, bahlala ngqo neLizwi. UThixo ekugqibeleni wadandalazisa.

⁸⁸ Kwaye niyazi Watsho ukuba iyakuba kwimihla yokugqibela, “Njengoko uYanes noYambres bamelana noMoses, ke ayakubanjalo la madoda angqiqo ziqaqadekileyo, ngokubhekiselele kwiNyaniso.” Injalo lonto, yabona, nje ulinganiso olulula. Ke iba nokubhidisa okuncinci ebantwini.

⁸⁹ Ngamanye amaxesha uyabohlwaya, kodwa noko a—asikukuba akubathandi. Kungokuba uyabathanda.

⁹⁰ Kungathini ukuba ube, inkwenkwe yakho encinci ihleli phandle phaya phakathi estratweni, kwaye uyakuhamba uthi, “Junior, sthandwa, andicingi kufanele uhlale phandle apha”; ubeyakuthi, “hamba uyokuhoya imicimbi yakho”? Ubuya

kumnika encinci . . . Niyibiza ngokuba yintoni, nje ngotata wam awandinikayo? Ukutywatyusha okuncinci. Ingaba yindlela, indlela eveliswa ngayo? Yilonto ebeya kuyidinga.

⁹¹ Kwaye ke koko ngamanye amaxesha ofanele ukunike ibandla; hayi kuba akumthandi uJunior, kodwa ngokuba uyamthanda uJunior. Yabona? Uthando luyaluleka.

⁹² Oko, UYesu wayengabakhohlakalelanga. Wayebathanda, kwaye kufanele abaluleke.

⁹³ Ke sifumana lo mfo mncinci noRebheka, umfazi wakhe. Kwaye wayekholwa ukuba Yena ngumprofeti, uMprofeti. Babengenaye umprofeti amakhulu ngamakhu eminyaka. Babesazi okulandelayo kumboniso, olandelayo owenene umprofeti, iyakuba nguYe. Yabona, babesazi oko kwakusiza, kuba kwakuprofetiwe. Ke abaprofeti babeyekile, kwaze emva Weza embonisweni. Kwaye wayewubonile laa mqondiso kaMesiya, kwaye wayesazi ukuba oko yayilela Lizwi. Yabona, wayeliphandle.

⁹⁴ Ke umdlalo weqonga wethu uqala ukusuka apha. Kufanele yayibubusuku obubi kumfo omncinci. Yayibubusuku obungaphumlisiyo, kwaye wayengakwazi kulala. Waye—wayephethu-phethuka, phezu komqamelelo wakhe, bonke ubusuku. Abaninzi bethu bayazi zinjani ezo ntlobo zobusuku.

⁹⁵ Niyabona, uRebheka wayesazi. Wayeqhagamshelene nabafundi, kunye nanjalo njalo. Wayemazi uYesu kwakufanele angene esixekweni kwintsasa elandelayo. Kwaye wayenomdla kakhulu kumyeni wa—wakhe, kuba wayefuna ahlanganiswe ubuso nobuso noYesu. Kwaye indoda eyakhe yema ubuso nobuso naYe, yenza into ethile kuwe. Akakho nje ngomnye umntu. Wahlukile. Kwaye wayefuna ukuqiniseka ukuba yena uyaMbona, abone imisebenzi Yakhe, kwaye azi ukuba Yena waye engulaa Mesiya. Nangona, ababingeleli nabo batshoyo, “Akukho nto kuyo. Ngumgunyathi nje. Si—sisiqhulo.” Kodwa wayikholwa, ke wayethandaza.

⁹⁶ Ngoku, Rebheka, ukuba ufuna ukufikisa indoda yakho engusomashishini, uZakeyu, ngenene phambi koYesu, qalisa nje ukuthandaza, akayi kuphumla.

⁹⁷ Ke ixesha lalisondele, ke, ngentsasa elandelayo, uYesu kwakufanele agqithe ngalaa ndlela. Ke bonke ubusuku wazibhija-bhija emandlalweni, kwaye wayematshekile. Kwaye yena umfazi, elele phaya, ethandaza. Kwaye akukho ntandabuzo ebusuku, xa babeya kuvuka, ubeya kuthi, “Enkosi kuWe, Nkosi, ndiyazi uyasebenza kuye.”

⁹⁸ Ngoku xa usiya kubona uZakeyu wakho engenakuphumla, yithi nje, “Enkosi kuWe, Nkosi, Uyasebenza kuye ngoku.” Xa umbona yena ecaphuka, akafuni ukuba wena uye ecaweni tu, yabona, “Hlalela kude kwela gquba! Sukuhla uye phaya kwakhona! Akukho nto kuYo!” Yiba nomonde nje. UThixo

uyasebenza, niyabona. Yiloo ndlela Enza ngayo, yabona. Ubandlongo-ndlango akamelani nayo.

⁹⁹ Ke siyafumanisa, kwintsasa elandelayo, kwakusasa kakhulu, umlinganiswa wethu omncinci uyanyebeleza emke emandlalweni aze aye kuzihombisa ngezona zingcono iimpahla, niyazi, esulungekileyo ingubo anayo, ahombise neendevu zakhe akame neenwele zakhe. Kwaye uRebheka ujonga ngaphaya kwekhuselelo kwaye uyambona. Uyazi kanye ngoko okuthile kuyenzeka. Ke uZakeyu uchwechwela efestileni, aze ajonge ngaphaya ukuze abone ukuba ujongile, uvukile. Hayi, wayengavukanga, ngokwendlela awayecinga ngayo. Uphakamisa umdiyadiya ajonge phandle, kwaye kwakuqhekeka imini, ke uyazilungiselela.

¹⁰⁰ Niyabona, xa usiya emthandazweni ngomntu othile, okuthile kuyenzeka. Apho kulapho sisilela khona, zihlobo, ukungathandazi. Umthandazo sisitixo. “Cela uyakuzuzwa. Anizuzi kuba aniceli; aniceli kuba anikholwa. Cela ngokukhulu, ukuze uvuyo lwenu lwande. Cela kwaye ukholwe ukuba uyakwamkela oko ukucelelileyo.” Emva koko bambelela kuko. Sukukushiya. Sisithembiso eBhayibhileni, kwaye ityhiliwe kuwe ukuba uThixo uzakunika, bambelela kuyo.

¹⁰¹ Leyo yindlela nje awaba nayo—awaba nayo. Yayityhiliwe kuye ukuba uZakeyu wakhe wayezakusindiswa, ke wabambelela nje kuso.

¹⁰² Ke xa uZakeyu waqalisa ukuphuma ngomnyango, wathi umfazi, “Zakeyu, kutheni usenza kwangethuba kangaka ngale ntsasa?”

¹⁰³ “Owu,” wathi, “sthandwa, bendicinga ndiyakube, uh, uh. . .” Niyazi, ungenza zonke iintlobo zokuzithethelela, Zakeyu. “Bendicinga ndiyakuphuma ndikhe ndifumane ukuphefumla u—ukuphefumla umoya omtsha. Niyazi, uhlobo lwe. . .” Ungadukisa into efana naleya, niyazi? Kwaye uRebheka wayesazi okuthile.

¹⁰⁴ Ke apha waphuma, wajonga ngasemva endlwini, niyazi, njengoko ehamba ephuma ngendlela, ejonge ngasemva. URebheka ekrobe ngemfanta, niyazi, ejonge ukubona yayisenza ntoni. Wayesazi kanye ngoko. Wathoba, wathi, “Enkosi kuWe, Nkosi. Ndiyakholwa kugqityiwe ngoku. Simenze washukuma.”

¹⁰⁵ Ke ukuba wenze uZakeyu wakho ehle aye emhlanganweni ngale ntsasa, uyashukuma. Angaba uhleli apha, ke uyashukuma. Simenze washukuma kangakaya, nakanjani.

¹⁰⁶ Ke waqalisa waphuma, ejonge ngasemva, abone ukuba kukho nabani omjongileyo, niyazi. Wathi, “Ngoku, uyazi endizakwenza?” Masiguqulele iingcinga zethu kwezakhe ngoku. “Umfazi wam ubephithene koku, okufana, Mprofeti waseGalili; xa, owam—owam umbingeleli nomalusi endixelela, ‘Akukho nto injalo kule mihla. Yonke le mimangaliso nezinto luhlobo

nje lomgunyathi. Akukho nto kuyo.’ Uyazi endizakukwenza? Ndizakuya kanye ezantsi phaya ndimnike intwana yengcinga yam. Kakade, kwaye oko kuyakundenza egqwesileyo indoda kwesi sixeko, uyabona, xa ndinokuMhlisela ezantsi, ebusweni Bakhe. Ndizakuyenza lonto.” Ke waphuma.

¹⁰⁷ Wathi, “Ngoku Uyakungena ngesango langasezantsi, hayi, okanye ukusuka kwicala langasentla, esihla esuka eYerusalem, Yena, ukusuka kwaDan ukuya eBhashebha, esihla.” Wathi, “Ndiya—ndiya—ndiya... Uyeza esihla esuka eYerusalem, ke ndiya—ndiyakwehlela phaya kwisango lasentla. NdiyakuMfumana xa Engena. Kwaye ndiyakuma phaya ndize ndiMjonge, kwaye ndiyakuMnika intwana yengcinga yam.”

¹⁰⁸ Owu, bangaphi ooZakeyu abakhoyo kule mihla, ukuthetha ngoYesu emhlanganweni, “Ligquba labaqengqeleki abangcwele. Akukho nto kuyo. Ukuba nje ndingayibamba laa Ndoda, endiyakwenza!” Yabona?

¹⁰⁹ Ke wehla waya esangweni. Kodwa into engaqhelekanga yathi, niyazi... Wayeza kumfumanela indawo kanye esangweni, aMxelele ukuba ungosomashishini yena; ungo wa—wamaKiwana, yena—yena ngowemibutho kwaye—nazo zonke i—iimanyano zesixeko. Yena, yena wa—wayengomnye wabaphathi phaya, kwaye wayegqwesile kwaye ehlonitshiwe. Wayengumhlali onesidima. Kwaye eneneni wayefuna ukuMxelela Wayengenasidingo sokuya kulaa mzi, babenabaninzi abashumayeli namabandla amaninzi, babengazidingi iimbono Zakhe khona phaya. Ke wambonzeleka wehla ngesitrato, kwaye kwaye isifutyana sakhe satyhalekela ngaphandle, niyazi. Kwaye, owu, bethu! Intoni? Kutheni, urabhi angamenza idikoni ukuba benze into enjeya. Ke wehla waya esangweni.

¹¹⁰ Kodwa into engaqhelekanga. Kuhle, niyazi, ngandlela ithile ayiqhelekanga, kodwa, yonke indawo athi—athi uYesu abonakale, kusoloko kukho umntu othile phaya ukuya kuMva. Yabona? Kwaye phambi kokuba afike phaya, wa—wava ingxolo. Kwaye babecula zonke iintlobo zeengoma, kwaye—kwaye, “Uzuko kuThixo eNyangweni,” kwaye onke la amnandi amaculo ababewacula, kwaye abanye bekhwaza bedanduluka. Asikokungaqhelekanga, apho uYesu akhoyo, kusoloko kukho eninzi ingxolo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Yabona? Nje iyi...

¹¹¹ Niyazi, Wangena etempileni waza... ngenye imini, kwi, eYerusalem, gxebe, kwaye xa Wenzayo, bophula amasundu, bakhwaza. Kwaye nako kumi eziya phaya, eziya zikhulu izifundiswa zeemanyano nezinto, nababingeleli, baza bathi, “Benze bathule.”

112 Wathi, “Ukuba bayathula, amatye ayakunkqangaza kwangoko.” Yabona, okuthile kuza kunkqangaza xa Yena ekhona. Injalo lonto.

113 Niyazi, xa u-Aroni wangena kwiShekinah, ngaphambi kweShikinah, kwafanele athanjiswe, kwaye waye... iingubo zakhe kwafanele zibe nerharnate nenkenteza. Kwaye kuphela kwendlela ababesazi ukuba u-Aroni wayesaphila, xa babesiva le ngxolo. Kwaye xa ndicinga ukuba kuphela kwendlela yokuba uThixo azi ukuba siyaphila okanye hayi, xa usiva ingxolwana encinci. Uthatha nantoni efe kakhulu, yokuba okuthile kwenzekile kuyo. Ke bafanele baxela ukuba wayephila okanye hayi, ngengxolo eyayisenziwa.

114 Ke uZakeyu weva yonke le ngxolo ezantsi phaya. Kwaye ke xa wafikayo phaya, amasango ayexinene, kwaye naphezulu ezindongeni, nayo yonke into. Kwaye wayeyintwanana nje yomfo omncinci, kuko konke, ke wacinga, “NdizakuMbona njani? Kuyakubakho abaninzi babo abaqengqeleki abangcwele abaMngqongileyo, de mna ndi—ndingabinakho ukuMbona. Ke uyazi,” wathi, “Ndiyazi into enye, andinakuMbona apha, ngokuba ndimncinci kakhulu.

115 “Kodwa ndiyazi Yena uzakuhla aye kubakhuphisani bam esenzela i—isidlo sasemva-kwemini. Ke andiboni, ukuba Yena wayeyiNdoda yabo nabuphi ubukrelekrele. Ubeya kuza endaweni yam yeshishini, ivekile yam yokutyela. Kodwa Uyehla uya kwekaLavinski.” Okanye, ndiyathemba akukho Lavinski apha. “Ke ngoko, nakanjani, Uyehla esiya kwivenkile yakhe yokutyela. Kwaye, ngenene, ndiphaka okona kungcono ukutya, kwaye—kwaye bekunokuthini iNdoda nkqu... kwaye uRebheka ekubeni elilungu lebandla Lakhe, kwaye ngoko Afike endaweni efana naleya?”

116 Kuhle, wathi, “Ndazi nto nye, ndiyakuhlela apha apho iHaleluya Avenue inqumla iZuko Strato. Uyakudlula ngalaa ndlela.” Yinyani leyo. “Kanye phaya, ezantsi esitratweni sesixeko, apho iHaleluya Avenue neZuko Strato ziphambana khona.” Ungasoloko uMfumana kanye khona phaya.

117 Ke wasishiya isihlwele wabaleka wehlela phaya, waza wacinga ngoku, wazihombisa, waze wathi, “Ngoku xa Esiza ngapha edolweni, ndiyakuMxelela, ndiyakumnika intwana yengcinga yam. Kufanele agqithe le ndlela, ke ndiya—ndiya—ndiya... xa Esiza ngapha.” Ke waqalisa ukucinga, “Uyazi intoni, esaa sihlwele siyakuMlandela.”

118 Basoloko besenza njalo. “Apho isidumbu sikhoyo, amakhozi ayakuhlanganisana.” Hayi iinkukhu, ezasemhlabeni iintaka. Elasezulwini ukhozi liyakuhlanganisana nesidumbu. Inkukhu ngumzala walo, niyazi, isezantsi apha apho iimpuku nayo yonke into engenye enokuyitya. Kodwa ukhozi libeka indlu yalo phuzulu lee emthini, akukho mntu unokufika kokuya.

Izincukuthi aziwakhathazi; abhabhela phezulu kakhulu. Ngoku, iziqwengi nezikrekrethi nezinto azizukuwahlupha, likhozi. Wona ayakuthanda uKutya kokhozi. *Oku* kuko.

¹¹⁹ Niyazi, uYehova likhozi, Ngokwakhe, kwaye Usibiza thina amakhozana. Abaprofeti Bakhe ngamakhozi, iimboni.

¹²⁰ Ikhozi linyukela phezulu kakhulu, akukho ntaka yimbi enokulilandela. Kutheni, ukuba ukhetshe uzama ukulilandela, uyakuphasalaka. Injalo lonto. Yilonto iyingxaki namhlanje, ezininzi zizama ukulinganisa. Kwamsinya iyakufumanisa. Uyiyeke iphakamele phezulwana kancinci, zonke iintsiba ziyakuxhwitheka. Um-hum, um-hum, uh-huh. Injalo. Ziyakuhlaliswa emhlabeni. Khumbula, kufanele ibe yeyakhiwe ngokukhethekileyo intaka. Kwaye umntu angalilandela eli Lizwi kufanele abe wakhiwe ngokukhethekileyo, wakhiwe nguThixo, hayi okwakwalizwi. Siyafumana xa lona . . .phezulu linyuka, ukuba iintsiba zalo aziyi kuncamathela, kokuphi okulungileyo okuyakulenzela lona.

¹²¹ Kwaye enye into, xa lifika phezulu phaya, kungathini ukuba linganyukela phezulu phaya lize libe yimfama kwaye lingakwazi kubona nanto? Yabona, kufanele libe nawo namehlo (yabona?), ukuze lazi yintoni eliyenzayo xa liphezulu phaya. Anjalo namakhozi kaThixo. Phezulu unyuka, kude kakhulu unakho ukubona, buyela emva uze uqikelele yintoni elungiselele ukwenzeka. Niyaqonda? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ndingcinga laa mzalwana untsundu emva phaya unakho ukuqonda kakuhle kakhulu ngale ntsasa, yabona. Ngoku qwalasela.

¹²² Emva koko sifumana ukuba wathi, “Ukuba ndimi apha, elaa qela linye lengxolo, Akasokuze alive ilizwi lam. Bayangxola kwaye beqhubekeka, isohlwayo sam kuYe asiyi kuthetha kwanto.” Oko kulungile. Ke ngoko wathi, “Kodwa uyazi endiyakukwenza? Ndiyakukuxela into endiyakuyenza. Kukho umthi womthombe umile apha. Kwaye ndiyakukhwela la mthi, kwaye xa Edlula, ndiyakuMbona. Emva koko ndiyakuvela phaya kwelinye lamasebe, ndiMxelele oko ndifanele ukuMxelela kona. Kwaye Uyakuyazi ukuba ndinguZakeyu, ilungu leli lihle ihlelo ezantsi apha. NdiyakuMxelela apho ndingowakhona nokuba umbingeleli wam ucinga ntoni malunga naYe.” Kulungile, oko kungaba kokulungileyo.

¹²³ Wabhekabheka, waza wacinga, “Ngoku, into elandelayo, isebe lokuqala limalunga—limalunga neshumi leenyawo ukunyuka.” Kwaye umalunga neenyawo ezine ukunyuka, ke uzakufumana njani ezilandela iinyawo ezintandathu? Yabona? Ke akazi indlela anokunyukela ngayo phaya. Akukho ndlela yimbi kuye yokufika phaya, kwaye kufanele akhwele kulo mthi. Ke wabhekabheka, kwaye akukho nto kuphela. . . Niyazi, ukulahlwa kwenkunkuma kwakungekafiki ngala ntsasa, kwaye

umgqomo wenkunkuma wawuhleli ngasekoneni. Wacinga, “Ukuba nje ndingafumana laa mgqomo wenkunkuma ndiwuzise ngapha, emva koko ndi. . . oko kuyakundinyusa ngokwaneleyo ukuze ndifike phezulu phaya ndize ndibambe eliya lokuqala isebe. Kodwa ndizimisele ukuMbona. NdizakuMbona.”

¹²⁴ Niyazi, kukho okuthile malunga nayo, xa indoda ifuna ukubona uYesu, ingena kwezona zingqwabalala izinto. Yabona? Kodwa, yabona, uThixo wayequbisana naye. Yayiyintoni? Imithandazo kaRebheka iphendulwa, yabona.

¹²⁵ Kulungile, waya ngaphaya. Kwaye umqokeleli wayengekabi phaya ngale ntsasa, kwaye inkonkxa yayibunzimarha, ke wayengenakho ukuyiphakamisa. Wayemncinci kakhulu. Ke wazama, kwaye wayengenako ukuyenza. Kwakukho enye kuphela indlela awayenokuyenza ngayo, kukufumana wona ngeengalo zakhe, awuchole. Kodwa wayekwezona mpahla zakhe zingcono.

¹²⁶ Kodwa kukho okuthile malunga nako, xa ufuna ukubona uYesu ngenene, uyakwenza nantoni na. Yabona? Uya—uyakwenza nantoni na, ukuba ufuna ukuMbona ngenene. Ke waphuma phaya waza. . . Yabona, uSathana uzakuzama ukukunqanda ukuba ungayenzi, nawe. Yonke into, uzakubeka. . . Uzakubeka igxeke endleni, lonke ixesha, ukukunqanda ukuba uMbone. Uyakukumfamekisa amehlo akho ngayo nayiphi into anokuyenza. Kodwa ukuba uzimisele, uThixo uyakukwenzela indlela. Uyedlula ngale ndlela ngale ntsasa, kananjalo. Sukuvumela uSathana abeke into ethile endleni yakho, elakho “ixesha, nayo *lena*, kwaye ndifanele ndenze *oku*.” Hlala nje uzole umzuzu.

¹²⁷ Ke uyehla, agobe, laa ngubo intle kuye. Ngenene uyazidakisa ngoku. Ufumana le nkonkxa yomgqomo. Nje malunga nexesha alibambayo aqalise ukulifunqula, nako kusiza abakhuphisana naye ngasekujikeleni.

¹²⁸ Malunga nendlela injalo apha, uZakeyu. Uthe akusokuze ube kwigquba labaqengqeleki abangcwele, kodwa ulapha.

¹²⁹ Kuhle, naku ehleli, umile apha ngoku kunye nenkonkxa yakhe yenkunkuma, obakhe—obakhe ubuso bubomvu. Kuhle, umkhuphisani wathi, “Kuhle, jonga, uZakeyu, unovenkile wokutya ezantsi apha, uguqule ingqesho yakhe. Unesikhundla esitsha. Kuhle, niyazi, uyi—uyiyo. . . usebenzela isixeko, abathuthi benkunkuma.” Kuhle, kukho okuthile okunye malunga nayo, njalo, ukuba uzimisele ukubona uYesu, uyakwenza nantoni na. Wabambelela nje kuyo, kwaye ubuso bakhe babomvu, ubuso bakhe badumba. Kwaye naku esiya, kanye ngaphaya wawubeka phantsi. Uyabhekabheka, wabayeka bayokujikela.

¹³⁰ Waza wakhwela emgqomeni, wagwencela phezulu emthini. Uh-oh, uxolo, bendingafanele ndikutshilo oko.

Ukugwencela, niyazi, oko—oko ku...Bangaphi abaziyo kukuthini “ukugwencela emthini”? Kuhle, oko kulungile ngoko. Yabona, ngamanye amagama, ukhwela phezulu emthini.

¹³¹ Kwaye waphakama phaya, nankuya, ehleli phaya. Uthetha ngembutyulelo! Inkunkuma kuye wonke, ungumbono ongcolileyo.

¹³² Kwaye, ngamanye amaxesha, uThixo ukuyeka ube njeya. Amen. Ndive umntu othile namhlanje, uyayazi indlela yabo entsha? Ndiyathemba ayisokuze ingene kwizintlu zethu zobuPentekoste, nangona ndiyibona ivuzela ngaphakathi; ingena, ukuxhawula izandla, “Ndi—ndithabatha uYesu njengoMsindisi wam.” Ndiyathanda ukubabona bethoba phaya esiguqweni, kwaye besifa, bebetha, kwaye begixa, kwaye befizixa. Kwaye, niyazi, xa nina... Sasiqhele ukuba namahashe, kwaye xa siwondla ngeklova, okuya kumnandi kakhulu, enambithekayo iklova, inobusi kuyo, iwenza avuze izinkcwe. Xa usondela kakhulu eKanana, uyakuvuza izinkcwe kancikana, nawe, niyazi, ukutya kakhulu obaa Busi buphuma eKanana.

¹³³ Ke sifumana ukuba apha ukhona, phezulu emthini ngoku, esula inkunkuma eyisusa kwayakhe entsha...Akazange acinge ukuba uyakukwenza okuya. Nje ukukumela othile akuthandazele, uyakwenza izinto ezingaqhelekanga. Kwaye yena esula oko kusuke ngelaa hlobo; kwaye iingceba emadolweni akhe nasezandleni, ehleli phaya ezisusa. Wathi, “Kuhle, ngoku, ukuba andiyombutyulelo! Naku ndihleli apha.” Wathi, “Uyazi, uRebheka undixelele ukuba laa mfo wayenguMprofeti. Ngoku, ndi—ndizakulinda, ndizakuzimela.” Ke wahlala phantsi apho amasebe amabini ahlangukhona, yenza entle indawo yokuhlala.

¹³⁴ Kwaye emva kokuba uhambele kangako, kwaye uhambele kangaka ngale ntsasa, Zakeyu, uhleli, nawe, apho indlela ezimbini zihlanganayo, eyakho nekaThixo. Yabona? Xa uzilahlela ngokwaneleyo ukuba uphume apha ngale ntsasa, kuhle, imithandazo kaRebheka imalunga nokuphendulwa. Kodwa uhleli apho iindlela ezimbini zihlanganayo ngoku, eyakho nekaThixo. Yabona?

¹³⁵ Kwaye wahlala phaya, wacinga, “Wathi umfazi, ‘Wayengumprofeti.’ Zonke ezi zinto, ‘Angacinga iingcinga zeentiliziyi zabantu, kwaye azityhile kubo, aze abaxelele into engalunganga kubo.’ Kwaye, owu, lento malunga no ‘Nathaniyeli, weza wamxelela wayephantsi komthi khona phaya.’ Niyazi, andizukuthatha thuba. Ndizakuzigquma, phezulu apha emthini. Ke ndisemthini, nam nje. Kwaye ke andikholwa Yena ngumprofeti, bonanje. Andiyikholwa nje lonto, kuba umbingeleli wam undixelele akukho nto injalo njengabaprofeti. Asikhange sibenabo amakhulu eminyaka.”

¹³⁶ Ke ngoku, kakade, niyaqonda ndinika umdlalo weqonda apha, ukwenza ingcaciso.

¹³⁷ Ke ufumana onke amasebe aze awatsalele kuye, ukubhijela, wazifihla kakuhle kakhulu. Wathi, “Ngoku xa Enyukela apha eHaleluya Avenue, ukusuka eHaleluya, ajike eLuzukweni. Ke kanye apha ekujikeleni, xa Esiza enyuka ngalaa ndlela, xa Ejika idolu, ndizakuyeka igqabi elinye elikhulu apha, ukuze ndibenakho ukumjonga ndiMbone. Ndiyakuliphakamisa. Akasokuze andibone, hayi phezulu apha. Kwaye ngoku xa Esiza ngapha, kwaye ndiyakuMjonga kakuhle, uyazi endizakwenza? Ndizakutsalela la masebe ngasemva, kwaye xa Esiza ngapha, ndizakuMnika intwana yengcinga yam. Ndizakumxelela Yena malunga nayo.” Ke wahlala phaya ithutyana.

¹³⁸ Emva kwethuba weva ingxolo isiza. Esiqhelweni uYesu uza nengxolo. Ke apha Wayesiza ejikela idolu. Ke, yena, yintoni eyokuqala ayifumanayo? Igquba labantu behlangene ezitratweni. Wathi, “Ndiyavuya ndiphezulu apha kulo mthi, ke andiyi kuxubana kunye nabo kwakhona.” Ke apha ulapha phezulu emthini, ehleli phaya, ezifihlile konke, ke akukho mntu ubeya kumqonda, abakhuphisana naye abayi kwazi ukuba uphezulu phaya emthini ngoku. Ke wayefumene eli linye eligqabi ayakuliphakamisa aze ajonge, aze alibuyisele emva kwakhona, kwaye amanye amgqumile. Ke waphakamisa igqabi, kwaye abantu bayahlanganisana ezimbombeni.

¹³⁹ Kwaye, niyazi, apha kuza uMnu. Jones ephuma kunye nalaa mntwana ugulayo. Xa wevayo ukuba u—umbingeleli nogqirha, kanye kwivenkile yakhe yokutyela, beyixoxa ngenye imini, eyokuba, “laa mntwana wayesifa, wayenomkhuhlana abathi oogqirha bazama ukuwaphula, kwaye kwakungekho nto enokuwaphula. Kwaye laa mntwana kwakungafanele ashukume amke kwela khaya. Kodwa apha, okuya,” umxumi wakhe, “uye waba ngumbaxi de bamzisa laa mntwana bamkhupha kulaa moya kaMatshi upholileyo. Kwaye naku benaye apha esongelwe ngengubo, intombi encinci emalunga neshumi leminyaka ubudala. Okunjani ukubaxa! Xa engena kwivenkile yam yokutyela kwakhona, laa mntwana uyakuba efile, kakade; ndiyakumxelela, ndiyakumnika intwanana yengcinga yam!”

¹⁴⁰ Emva kwethuba ingxolo yaqatsela ngokuqatsela, kwaye bonke kubo babaleka estratweni. Into yokuqala eyezayo ekujikeleni kweHaleluya Avenue, ukuya kwigophe iLuzukweni; njengoko babesiza ngestrato, siyafumanisa, esikhulu isigantsontso esinempandla somlobi, ogama linguSimon, esithi, “Ninganceda niphume ecaleni, bafondini?” Apha kwakukho abanye abalishumi elinanye emva kwakhe, besithi, “Ukuba ninganakho, ncedani, phumani ecaleni. UMfundisi wethu ebekwimvuselelo enkulu kurhatya oludlulileyo, kwaye—kwaye amandla amkile kuYe, kwaye imibono emikhulu yenzekile.

Kwaye Udiniwe ngale ntsasa, kwaye Uya—Uya—Uya kwisidlo sakusasa. Ninganceda nje niphume ecaleni, ngokuhle?”

¹⁴¹ Kwaye naku kuhamba usapho lakwaJones, nolu sana. Kwaye umlobi omkhulu nabaninzi babo, bathi, “Phuma ecaleni, unganako, nceda.” “Kuhle, sinusana apha nje ngokulula luzakufa. Oogqirha baluncamile. Ninganceda nisivumele silubeke usana. . .”

¹⁴² “Ndiyaxolisa. Bonke bayakufuna ukwenza lonto, ke a—andinako ukwenza oko. Kuyakufuneka ume, ecaleni phaya. Uyeza kanye ngoku. Unganceda ume ecaleni?”

¹⁴³ Ke ndingababona ngoko, njengoko unogada omncinci, enqabeni wayekho ngaphakathi, emthini, eqaphele, kwaye wabona uMnu. Jones noNksk. Jones besiya emadolweni, kwesaa sihlwele, besithi, “Nkosi Thixo, ungasigqithi. Owu Msindisi olungileyo, yiva ukukhala kwam ngokuthobeka. Ngelixa abanye Wena ubabiza, ungandidluli.”

¹⁴⁴ Kwaye njengoko esondela, Wema, wathi, “Mnu. Jones, ungamzisa umntwana wakho apha?” Yayiluhlobo oluqinisekiso.

¹⁴⁵ IkwanguYe namhlanje. Akuthabathi khadi lakuthandazelwa. Akuthabathi qela. Kuthabatha ukholo, njengemfama uBhartumeyi awabanalo ekupheleni kwesango xa Yena wayephuma. Umgama ongamakhulu amabini ukusuka kuYe, waphawula indawo, ingaba Wayenokuliva njani ilizwi Lakhe? Kodwa, “Owu Yesu, Nyana kaDavide,” oko kwammisa Yena, wachukumisa ingubo Yakhe. Waza Wajika, wathi, “Mziseni apha.” Yabona?

¹⁴⁶ Kwaye bazisa usana oluncinci khona ngaphaya. Wabeka izandla zakhe phezu kosana oluncinci, kuko konke Awakwenzayo. Kwimizuzu embalwa, uyise wagoduka nalo, kwaye nalo usana luhamba lusihla ngestrato, lubaleka. Umkhuhlane wemka kulo.

¹⁴⁷ Oko kwamnyibilikisa kancikana. Wathi, “Andazi ingaba ngumprofeti Yena?” Yamenza ngahlobo luthile wanokukholelwa.

¹⁴⁸ Niyazi, kukho ezinjalo izinto ezinjalo ezisiqinisekiso, kuba Yena liLizwi, (hayi “Ndandikho”), “NDINGUYE.”

¹⁴⁹ Kwaye njengoko Esiya phantsi komthi, wacinga. . . Kuhle, wabamba eligqabi lincinci, wajonga ezantsi. Njengoko Wayengena phantsi komthi, wacinga, “Ingaba Angangumprofeti? Ingaba njalo.” Niyabona, kufanele ube nokholo. “Ingaba nguYe?” Kwaye njengoko egqitha phantsi komthi, kunye nentloko Yakhe iphantsi, ehamba ngendlela Yakhe epholileyo.

¹⁵⁰ Kukho okuthile okukokunye, xa unokukhe uMbone, u—u—uyaguqulwa. Akunakuba yinto enye. Ndivile ngaYe, uvile

ngaYe; kodwa xa ndaMbonayo, iLizwi Lakhe, a—a—andizange ndiphinde ndibe yinto ekwanye kwakhona. Kukho okuthile malunga naYe, eyahlukileyo komnye umntu. Kukho okuthile ngaYe, kwahlukile kulo bhishophu nomphathi bafundisi noopope, nanjalo njalo. Yena, kukho okuthile malunga naYe okwahlukileyo.

¹⁵¹ UZakeyu omncinci wayechukumisekile. Imithandazo kaRebheka yayiphendulwe. Njengoko egqitha phantsi komthi, wathi, “Kuhle, ndi—ndingacela uxolo kuRebheka xa ndibuya. Usendleleni Yakhe eya kwaLavinski, injalo lonto. Ukuba utya kwenye ivenkile yokutyela, kulungile oko kum ngoku.” Yabona, wayegqibile ukuMbona.

¹⁵² Ke xa Wafika kanye phantsi komthi, Wema, wajonga phezulu, wathi, “Zakeyu, yehla. Ndiyagoduka nawe, ukuya kudla idinara namhlanje.” Yabona, Wayesazi ukuba wayephezulu phaya. Wayesazi wayengubani.

¹⁵³ Mzalwana, dade, ise nguYe izolo, namhlanje, naphakade. Kufanele agqithe ngale ndlela ngale ntsasa. Ugqithile ngale ndlela ukuya esixekweni, ebelapha kunye nathi kule veki.

¹⁵⁴ Niyazi intoni? Ukuba uMongameli uzile, uMongameli Johnson uye eTopeka, iflegi ziyakubaphezulu, izitrato ziyakuhonjiswa, kwaye uyakuba nolwamkelo olukhulu. Kodwa uYesu angeza, kunzima nokuba kubekho umntu ozayo azokuMbona. Kuyakufanela ube nokhapho lwamapolisa ukuzisa uMongameli kwesi sixeko, kodwa sinezininzi iindawo zokuhlala. Yabona umahluko? Abakhathalelanga kuMbona.

¹⁵⁵ Ndiyathemba uZakeyu ulapha ngale ntsasa. Kwaye xa Egqitha ngale ndlela, nguYe ethetha nawe.

¹⁵⁶ Wehla esuka emthini. Kakade, abagxeki bafuna ukuthi, “Le ndoda ngumoni.”

¹⁵⁷ Wathi, “Nkosi, ukuba ndithabathe nantoni na ngobuqhinga, ndiyakuyibuyisela ngokuphindwa kalikhulu. Ndiyakuyibuyisela. Kwaye ukuba ndiqhathe nawuphi umntu, ndikulungele ukulungisa. Ndi—ndikulungele.”

Masithobiseni iintloko zethu.

¹⁵⁸ Zakeyu, ingaba ukulungele ngale ntsasa? Kutheni ungehli ngoku emthini? Kutheni ungezi? Uyedlula ngale ndlela ngoku, udlula entliziyweni yakho, ethetha nawe. Ingaba angakho, ngelixa ninentloko zenu ziqutyudiwe, nithandaza, ingaba ukhona nabani apha ongathi, “Mzalwana uBranham, eneneni bendinesikrokrwana lonke ixesha”? Khumbula, wayeyindoda enenkolo, ngokwakhe. “Bendinesikrokrwana, kodwa ngoku ndiyakholwa. Nceda ukungakholwa kwam, Thixo.” Hayi kuMzalwana uBranham, kuba akukho bani ujongileyo nje ndim noThixo, “ke ndizakuphakamisa isandla sam ndithi, ‘Ungandidluli, Owu Msindisi olungileyo. Yiva isikhalo sam

esithobekileyo. Ndenze ikholwa elinyanisekileyo, Nkosi. Yiza, goduka nam namhlanje kwaye uhlale ekhayeni lam.' 'Namhlanje kufanele ndihlale ekhayeni lakho.'"

¹⁵⁹ Ungaphakamisa isandla sakho, uthi, "Ndikhumbule, Thixo"? INkosi ikusikelele, ikusikelele, nawe. "Ndikhumbule, Thixo. Goduka nam, ngale ntsasa. Ndiyazi Úlapha. Ndiyazi Uyayazi intliziyo yam. Uthetha nam ngoku. Uyazazi izinto endizenzileyo ukuba azilunganga. Wazi nkqu nokuba ndingowebandla lengewele iVangeli, kodwa noko bendingakhathali, andikwenzanga oko kulungileyo. Andiwuhoyanga umhlangano womthandazo. Ndibeke yonke enye into . . . Ndenze izinto, ngenene, ezo eyethu—eyethu inkolo engazimeliyo."

¹⁶⁰ "Ndi—ndi—ndingumfazi, kwaye ndiyazi ndinxibe ngokungalunganga. Kwaye ndichebe iinwele zam. Ndiqabe iziqabi buso. Kwaye ndifanele ndibe ngumfazi weGospel engcwele, udade. Yiba nenceba ngam, Nkosi. Ndi—ndifuna Wena ugoduke nam namhlanje, kwaye ndi—ndi—ndiyakuba ngu—ngumzekelo ophilayo kaKristu, ukusuka ngoku ukuqhubeka." Ungaba ungabuva oba Bukho bukaThixo, okokuba uyakuphakamisa isandla sakho, uze uthi, "Ndithandazele." UThixo akusikelele, kwaye uThixo akusikelele, wena. UThixo anisikelele, bodade. Ewe.

¹⁶¹ Bawo waseZulwini, abanye booZakeyu nooNozakeyu baphakamise igqabi baze bajonga. Baqondile ukuba uYesu ufumene apho bahlala khona nalapho bakhoyo, Utyhilile kubo ukuba abalungisanga. Ezininzi, ezininzi izandla khona apha zibheke phezulu. Wanga Ungagoduka nabo namhlanje, Bawo, yiya ekhayeni labo, hlala ezintliziyweni zabo. Banga bangangaze bayilibala le ntsasa. Kodwa, kweyayo . . . izinto eziyintle zokuba ndi . . . kwaye ukuzama ukufumana i—i—imvakalelo yoluvo lokonwabisa phakathi kwesihlwele esixubileyo. Kwaye ngoku kwesi sithuba xa inqaku liphumile, lokuba ku—kuphela ku—kukubenza abantu baqonde yintoni emi kunye nathi ngale ntsasa, iLizwi libonakalisiwe esixekweni sethu, phakathi kwethu, iNkosi uYesu ngoKwakhe, iLizwi lenziwe inyama, lisebenza ngokwaLo enyameni yomntu. Owu Thixo, zanga izihlobo zethu ezithandekayo zingabona oku kwaye zisondezwe kuWe.

¹⁶² Goduka nabo, ndiyacela kwakhona, Bawo, kunye naye wonke uZakeyu naye wonke umfazi, wonke uRebheka. Wanga angazi imithandazo yakhe iphendulwe. Sibanikela kuWe ngoku. Kwaye banga bona, ngaphandle kwentandabuzo, bakwaMkelele entliziyweni zabo, njengalo mncinci umHebhere enzile ngala ntsasa, nangona bebengalungisanga. Bathi, "Ebengafanelanga yena kananjalo, ekubeni engunyana ka Abraham?" Ke Ukulungele ukugoduka kunye nathi, Bawo. Siyathandaza okokuba Akusayi kusishiya. Hamba nathi, ukusuka esidlweni

sakusasa, njengoko sihleli apha ngale ntsasa; kwaye sijonge ngaphaya kwetafile komnye nakomnye, sivuya, uluvo lovuyo, sixhawula isandla somnye, kwaye siseluthandweni omnye komnye, nje ngokuphela amaKristu anokuba njalo.

¹⁶³ Kwaye ndiyacinga a—a—andisokuze ndibe lapha kwakhona. Ndi—ndingangabi ndiphinde ndidibane neli gela kwakhona nje ngoluhlobo, kwesinye isidlo sakusasa. Kodwa ndiqinisekile, Bawo, ukuba bangakuvumela nje Wena ugoduke nabo, namhlanje, kwaye uhlale nabo, ndiyakuhlangana nabo kwiSidlo sangokuhlwa, xa idabi liphunyelelwe kwaye itafile enkulu inatyisiwe ukunqumleza izigqubuthelo zesibhakabhaka, kwaye sihlale sijonge ngaphaya.

¹⁶⁴ Kwaye ndiyajonga ngale ntsasa kubalungiseleli behleli apha, intloko zingwevu, ababeshumayela ngexesha ndandise yinkwenkwe. Ndingcinga banqunqa kuphela iziqobo, baqhushumbise iindlela, kwaye bazenze zibe mthebelele ukwenzela ezi zipho abathe baziprofeta ukuba zize. Thixo, basikelele, basikelele bonke. Sikelela aba bafazi bahle abanikeleyo ukwenzela abayeni babo bashumayele, kunye nokuzinikezela athe onke amaKristu akwenza ngenene. Yiba nabo, Bawo.

¹⁶⁵ Sihleli phaya ngoba busuku, sijonge omnye komnye ukunqamleza itafile, kwaye mhlawumbi singaze sibonane kwakhona ukusukela kule ntsasa, kude kube lela xesha. Kodwa, akukho ntandabuzo, iinyembezi ngokwazo ziya kuhla ngezidlele zethu, ngovuyo, xa ndifikelela ngaphesheya kwetafile ukuxhawula izandla zabo. Ngoko siyakuMbona ephuma. Siyakuvuya kakhulu sisihla siphuma emthini, mhlawumbi umthi wemvumo-nkolo, umthi wemvumo-nkolo yobuhlelo, okanye into ethile, nje ukuphuma kwikratshi lethu, siphume kwezethu iindlela zobudenge, okanye ekungamcingeleni Yena; siphume kubumfama bethu, siye ekuKhanyeni. Siyakuvuya malunga nayo ngoko xa siMbona ephuma, ekuzo zonke iingubo Zakhe zoBukhosi, esihla ngetafile, aze athathe isandla Sakhe esilungileyo asule zonke iinyembezi emehlweni ethu, athi, “Musani ukulila. Kugqityiwe. Ngenani eluvuyweni lweNkosi, ebelungiselwe nina kusukela ihlabathi lasekwa.” Kude kube ngoko, Bawo, hlala nathi, goduka nathi kwaye uhlale nathi, kude kube yilaa yure. Sikucela eGameni likaYesu. Amen.

¹⁶⁶ [Udade uthetha ngelinye ulwimi. Indawo enganto eteyiphini—Mhl.]

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda
Ngokuba Yena kuqala. . .

¹⁶⁷ Xa ndenyukela emthini, Wandithanda futhi.

Kwaye wath- . . .

Jonga ngonjani umthi athe Yena wenyukela mna kuwo, uMnqamlezo, ocekisiweyo umthi.

Emthini iKhalvari.

168 Jonga ngonjani umthi athe Yena wawunyuka, ukuzisa wena ezantsi akususe kowakho umthi.

Ndi . . .

169 Ngoku, akunakumthanda yena ngaphandleni kokuthanda omnye nomnye.

Ndi . . .

Ngoku fikelela kanye ngaphaya kwetafile, uthi, “UTHixo akusikelele, mphambukeli,” nje ukunqumleza ukuya kothile.

. . . kuba Wandithanda kuqala . . .

Kwaye Wathenga usindiso lwam

Emthini iKhalvari.

170 AniMthandi na ngokuba Yena waya kulaa mthi ngenxa yenu, ukuze anikhuphe emthini wenu? Anisayi ukumvumela agoduke nani ngale ntsasa? Bangaphi abaya kumthatha Yena? Phakamisa isandla sakho. [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] UTHixo anisikelele.

171 Boosomashishini, ndifuna ukuthetha kuni nje ithutyana, ngaphambi kokuhamba.

172 Ngoku ukuba akungomKristu, ukuba ubungazimanyanga; nina maKristu, nina bantu, ukuba namnkela uYesu xa uphakamise isandla sakho, yiya komnye wabelusi apha, baxelele oko ukwenzileyo. Bayakukwamkela. Umntu othile okanye umalusi othile ubhale ileta yoku, ngale nkwenkwe apha, lo mzalwana webala. Ibe iyinceba kubusuku obugqithileyo, la mfanancinci uhleli phaya ejonge okuya kwaye ukukholelwe okuya. Yabona? Yabona okuya? Indlela laa nkwenkwe, indlela laa Moya ujike ngayo. UBilly ebendixelela malunga nayo, kwaye umfazi wam nabo, emva kokuba sigodukile. Wajika xa ebesejukeleni, waya apha waza wafumana lowa, yabona, ukuze ambuyisele eKhaya. Ukuzimela geqe! Mthabathele Yena kuwe. Hamba uzimanye nelinye iqela ndaweni ithile onokudlelana nalo, elishumayela iLizwi eligcweleyo likaTHixo. Uze uhlale nelaa Lizwi, nokuba kutheni, yabona. Injalo lonto.

173 Boosomashishini, niyazi okwenzekayo kuZakeyu? Waba lilungu laMadoda Angoosomashishini beFull Gospel yaseJeriko. Injalo lonto. Esaa sahluko ezantsi phaya, wayengowaso. Ivakala ngokungxama, kodwa yinyaniso ngolwahlobo. Ndiqinisekile uYesu akayi kumisa nanye into kodwa esingcwele isahluko seVangeli, kwaye uZakeyu waya naYe. Ke ngoku, Zakeyu, yenza into ekwanye.

174 Side sikubone ebusuku, uTHixo anisikelele. Ndiyakubuyisela inkonzo apha kumalusi.



NGUBANI UYESU? XHO64-0620B
(Who Is Jesus?)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi kusasa ngoMgqibelo, wama-20 Juni, 1964, ukwenzela isidlo sakusasa saMadoda Angoosomashishini Bakazwelonke eFull Gospel eHoliday Inn eTopeka, Kansas, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2020 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org